



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2015

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-13.

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijanra enye.
2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini ibe le yokuqala ingachanekanga, ize le yesibini ibe ichanekile, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.
3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.
4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.
5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.
6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa u-EWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.
7. Akukho manqaku aya kwabelwa u-YINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

ISICATSHULWA A

- 1.1 1.1.1 (a) Babengumtya nethunga.√ (1)
- (b) Ukuba babesoloko bekunye/babethandana kakhulu uLungile noNomakhwezi.√ (1)
- 1.1.2 (a) (iii) Umbhali√/(iii)√/Umbhali.√ (1)
- (b) (i) UNozililo√/(i)√/UNozililo√ (1)
- 1.1.3 Bube bubu√/bebesoloko bexabana√/bekungekho mvisiswano.√ (1)
- 1.1.4 Ebengasazithathi njengokuba ungumXhosa√√/wayelitshipha kungekho nto imdibanisa nekhaya lakhe√√/wayesele ephila njengomZulu.√√
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.1.5 Kwaziswa indawo eliqhubeka kuyo ibali√/abadlali abadlala indima ephambili ebalini.√ (1)
- 1.1.6 Kukusoloko emngxolisela indlela athetha ngayo noLungile.√ (1)
- 1.1.7 Kwabakho abantu abathile ababekhalazela ukuthengiselwa kukaLungile ivenkile kodwa ulolunye uhlanga/kwabakho iintetho ezisemacaleni ezivakalayo zabantu abakhalazela ukuthengiselwa kukaLungile ivenkile engengomZulu.√√
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.1.8 NguMamTolo√ noMaMiya.√ (2)
- 1.1.9 Kwenziwe ukuba ibali liqhubeke eMlazi, indawo eyilokishi, wasebenzisa imeko yelokishi yobukho bootsotsi ukuze kube lula ukuba uNozililo athenge ootsotsi kwiyelenqe lokuzama ukubulala uMpumelelo.√√ (2)
- 1.1.10 Umbhali usebenzise iphupha likaLungile lokutsha kwevenkile yena noNomakhwezi bengaphakathi njengomqondiso wento eza kwehla ebalini yokutshela kwabo emotweni√√/ulisebenzisele ukwenza uphuphelo lwento eza kwenzeka yokutshela kwabo emotweni. √√
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

- 1.1.11 Yayilungile le mithetho kuba uMosiu wayengengowaseMlazi, umhlaba awayewusebenzisa wawulilungelo labantu baseMlazi√√/ abantu abafanele ukunikwa imihlaba endaweni namathuba, ngabantu baloo ndawo.√√

Okanye

Yayingalunganga kuba uMosiu zange ahluthe venkile yamntu waseMlazi wazakhela ela shishini√√/uMosiu wabona ithuba walisebenzisa ukuzama ukuziphilisa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

ISICATSHULWA B

- 1.2 1.2.1 Lusikisiki.√ (1)
- 1.2.2 Kukutshintsha kwesifo kwinto ebesiyiyo emva kokunikwa amayeza.√
Kukuba isigulana siwe sisodwa bengekho abantu.√ (2)
- 1.2.3 EBlythswood√
Ekholejini. √ (2)
- 1.2.4 Ucenge utata kaThembisa ukuba amnike uThembisa amfundise, wamthatha, wamzamela imali yesikolashiphu ukuze afundele imfundo enomsila, de waphumelela ubugqirha.√√ (2)
- 1.2.5 Kukunceda abantu abanezigulo zokuphazamiseka kwengqondo.√√ (2)
- 1.2.6 UThembisa uzalwa kwikhaya elihluphekileyo, ezalwa ngabazali ababomvu√ kanti uMpumelelo yena uzalwa ngabazali abafundileyo nakwikhaya elime kakuhle.√ (2)
- 1.2.7 Kwathiwa uMpumelelo uyintlantsi eza kuvutha ibe sisibane, ngoku wakhe isibhedlele ukuphucula ubomi babantu baseLusikisiki√√/ ngoku wenza umsebenzi ozisa ukhanyo entlalweni yaseLusikisiki.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 1.2.8 Kukuba abekho njengomnye wabaxhasi bakaMpumelelo√√/ kukuba athi akubhubha uLungile kubekho umntu oza kusala ephumeza amaphupha kaLungile awayenawo ngoMpumelelo nangekhaya labo eLusikisiki√√/kukuba abesisandla sikaMpumelelo ngelixa asafundayo kumashishini alilifa lakhe.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

- 1.2.9 C/Ingcinga edlelelela iqela elithile labantu√/C√/Ingcinga edlelelela iqela elithile labantu.√

(1)
[35]

OKANYE

UMBUZO 2

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

ISICATSHULWA A

- 2.1 2.1.1 EFemina House√/kwivenkile yakwaFemina House.√ (1)
- 2.1.2 Ufuna ukuqinisekisa ukuba nguLinda kuphela na onale bhatyi ukuze akwazi ukusonga uphando lwakhe√/uzokwenza uphando.√ (1)
- 2.1.3 Inkosikazi yakhe.√ (1)
- 2.1.4 Wayesithi akubamba into angungelane kuyo, amlandele.√ Umthengisi wacela ukumnceda, akulandula wawabona ethetha esalathisana ngaye.√ (2)
- 2.1.5 Wathi ufuna ukukhe ayibone umfaneleko wayo kulowo uyinxibileyo ukuze aqiniseke ukuba ingamfanela unkosikazi wakhe.√√/wathi ufuna ukuqala ayibone inxitywe ngumntu.√√ (2)
- 2.1.6 (a) '... okwenduk'omnquma'√ (1)
- (b) Inkosikazi yakhe iza kuyiphiwa le bhatyi√/inkosikazi yakhe iza kuyifumana ingakhange iyithenge ngokwayo le bhatyi.√ (1)
- 2.1.7 Kukubamba ivolovolo ngesandla ayibhaqe eyedwa ebhegini kaLinda.√ Akazixilonganga iimpawu zeminwe yalowo wokugqibela ukuyiphatha.√ (2)
- 2.1.8 Yimpixano yangaphakathi.√ (1)
- 2.1.9 A/Unenkolelo yokuba abafazi bangabantu abathanda iindaba.√/ A√/unenkolelo yokuba abafazi bangabantu abathanda iindaba.√ (1)
- 2.1.10 Kungexesha apho uHlobo aya eMoonglow ngobusuku, echwechwa ebumnyameni, ezifihla emva kwephempe awayengaqinisekanga nokuba akukho mntu ulapho unokumbhaqa.√/Kungexesha uHlobo ahlatywa sisithatha esisuka kumtyukatha weBuick eyayilapho eMoonglow, waphantsa ukuzichithela.√/Kungexesha uHlobo alanda ekhondweni lemoto yabaphathi baseMoonglow besiya kutshintsha intsangu emaMpondweni ngotywala.√ [Nasiphi isibini.] (2)

- 2.1.11 Bavuya, kuba babehleli bekholelwa ukuba uLinda akanatyala/
kwangqineka izimvo zabo ngobumsulwa bukaLinda kwityala
lokubulawa kukaEddie noLulama.√√

Okanye

Babanomsindo kuba uLinda wayehleli entolongweni engabulalanga
Eddie noLulama.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (2)

ISICATSHULWA B

- 2.2 2.2.1 All Safe Bank.√ (1)
- 2.2.2 Kubonisa ukuba ungumcuphi obalaseleyo emsebenzini wakhe. (1)
- 2.2.3 Kukuba le mini kuye yayiyenye yeemini wayeqonda ukuba
wayefanele ukuwongwa ngenxa yetyala akwazileyo
ukuliphanda√√/kubonisa ukuzingca kwakhe ngokuphumelela
ukusombulula isishiqi setyala.√√ (2)
- 2.2.4 Ngexesha aphanda ityala lokufa kukaEddie noLulama
wayengasalali, engaphumli.√√ (2)
- 2.2.5 Lelokuthengisa intsangu.√ (1)
- 2.2.6 Ayephethwe ziintloni.√ (1)
- 2.2.7 (a) (ii) Linda Monti√/(ii)√/Linda Monti.√ (1)
- (b) (iv) Hlobo√/(iv) Hlobo.√ (1)
- 2.2.8 La malungu aseMoonglow ayengezozihlobo zinyanisekileyo
kuEddie njengoko ayezenza ngathi azizo√√/kungokuba ezi zihlobo
zazimkhohlisa Eddie.√√
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 2.2.9 Izinto ezenzelwa emfihlakalweni ziphela zivela elubala√√/akukho
nto ifihlakeleyo ingasayi kutyhilwa.√√
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 2.2.10 Amalungu aseMoonglow ebesenza izenzo zobugewu
ngokuthengisa intsangu nokubulala aye aphela ebanjwa.√√
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

2.2.11 Kwinqanaba lesiphelo√ kuba ababulali bakaEddie noLulama bayabanjwa, uLinda akhululeke.

[Nayiphi impendulo exhaswe ngokwanelisayo iya kwamkeleka.]

(2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 3

NDIYEKENI – DM Jongilanga

ISICATSHULWA A

- 3.1 3.1.1 Yimini yethoko lokuvuyisana noFuneka kuba ephumelele izifundo zokonga√, ikwayimini abaza kubambisa ngayo uMawonga ngokweyelenqe lakhe noNdila.√ (2)
- 3.1.2 Kukubethabethana kwengcinga okwenziwa lixhala√/lixhala lokuba kazi icebo lokuba athandane noMawonga liza kuphumelela na.√ (1)
- 3.1.3 (a) '... ungazisikeli enqatheni.'√ (1)
(b) Ukulumkisa.√√ (2)
- 3.1.4 (a) (iii) Abalinganiswa bathetha ngokwabo√/(iii)√ / Abalinganiswa bathetha ngokwabo.√ (1)
(b) (iv) Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa√/(iv)√ / Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa (1)
- 3.1.5 KuMawonga.√
Injongo kukuba uMawonga asele utywala.√ (2)
- 3.1.6 Kungokuba uMawonga njengomntu naye ofundileyo wayengenakungezi kweli theko akumenywa.√√ (2)
- 3.1.7 UJerry noFuneka bangabahlobo.√ (1)
- 3.1.8 Ubuncinci ngokwamava.√ (1)
- 3.1.9 Kwinqanaba lokujiya kwezinto√ kuba impixano ithatha unyawo.√ (2)
- 3.1.10 Kuba akatshintshi uyinto enye de ibali liphele.√√ (2)
- 3.1.11 Wenze ukuba uFuneka noZanele bafake uMawonga kumgibe wokuthandana noZanele, uFuneka ejonge ukuncedisa uNdila ekuzuzeni impindezelo ngakuMawonga, uZanele yena efuna ukuzuza imali kuMawonga.√√ (2)
- 3.1.12 Benze uMawonga wasela utywala waphela engena emgibeni wokuthandana noZanele.√√ (2)
- 3.1.13 D Ingcinga enye ebethelelekileyo√/D√/Ingcinga enye ebethelelekileyo.√ (1)

ISICATSHULWA B

- 3.2 3.2.1 Ophaleleyo ekungasekho yakhe.√ (1)
- 3.2.2 Ukuba uLoni uza kuzibulala√√/uza kubhubha.√√ (2)
- 3.2.3 Ukungavisisani√ kuba iintetho ezibhekiswa nguNdila kuLoni zibonisa ukuba abasenabudlelwane.√ (2)
- 3.2.4 UNdila uye wagxothwa emsebenzini ngenxa yokusela emsebenzini.√
Ukuthunywa komfundi utywala ngexesha lesikolo. √

ULoni uye wayeka emsebenzini ngenxa yotywala.√ UThandiwe uyasokola emzini wakhe ngenxa yomyeni wakhe uLoni ogqiba imali etywaleni.√
- [Nasiphi isibini.] (2)
- 3.2.5 ULoni akayiqondi kuba uncoma uNdila, de ambulele ngokumnika utywala kanti uNdila uphoxisa ngaye.√√ (2)
- 3.2.6 Yibhabhalaza.√ (1)
- 3.2.7 Abonisa ukuba uNdila uyamzonda uLoni.√√ (2)

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

4.1 NDAKUYICELA IVUTHIWE – EZ Guqa

- 4.1.1 Emaphandleni.√ (1)
- 4.1.2 (a) (iii) Ngumbhali√/(iii)√/Ngumbhali.√ (1)
- (b) (i) NguQolwana√/(i)√/NguQolwana.√ (1)
- 4.1.3 Uthe akubonwa lisoka uNokwanda kwahlaliwa ngamadoda akwaNdlambe kwaxoxwa inyewe yobulawu walotyolwa kuvisisiswene phakathi kweentsapho zombini√ kanti kuNozukile inyewe yobulawu yaxoxwa nguQolwana kunye nonina kaNozukile.√ (2)
- 4.1.4 Ukuba ukhathazekile yinto kaQolwana yokungawabandakanyi amawabo kumcimbi wokulobola umfazi.√√ (2)
- 4.1.5 Ayamkelekanga, kuba ngokwesiko lakwaNtu awukwazi ukuzilobolela ngokwakho, uyazakuzelwa ngamadoda amakhulu namaxhego osapho lwakho.√√ (2)
- 4.1.6 UNozukile waphindela esikolweni.√√ (2)
- 4.1.7 UQolwana uzenzele ngokwakhe, de waziqhubela umcimbi welobola oko kwenze azibone esengxakini yomfazi ongammameliyo omana elahleka akubuzwa abe yinto emntwini.√√ (2)
- 4.1.8 Ongamhloniphiyo njengomamazala wakhe√/njengomolokazana ongenambeko.√ (1)
- 4.1.9 Kukumka kukaNozukile nempahla yakhe yonke engaziwa nalapho aye khona.√ (1)
- 4.1.10 Kukusela kakhulu kukaMavumisa, enze ingxolo.√ (1)
- 4.1.11 Umenze wasisisele senyathi esinika umkhomba-ndlela nesimele ukulandelwa kwesithethe√√/wenze ukuba izimvo ezimalunga nesithethe zimelwe nguMluleki.√√ (2)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.2 **KANTI ANDIZENZANGA – EZ Guqa**

- 4.2.1 Wayekuphela komntwana abanaye.√ (1)
- 4.2.2 Kukuxambulisana nabantakwabo.√ (1)
- 4.2.3 Bebevana kakhulu.√ (2)
- 4.2.4 Ukungabonakali kwiimbutho zamakhwenkwe.√
Ukusoloko ehleli neentombi.√ (2)
- 4.2.5 B/Ingcinga ecalucalula abantu ngokwesini√/B√/Ingcinga
ecalucalula abantu ngokwesini.√ (1)
- 4.2.6 Akazange ayamkele kuba wambona umfundisi engohlukanga
kubantu baseSikhobeni awayebabona njengabantu abangenwe
yintiyo kubantu abafana noMntuyedwa.√√ (2)
- 4.2.7 Umbhali uzalanise isihloko nomxholo webali kuba uMntuyedwa
ngokwalapha ebalini ugxothelwa into yesimo sakhe angazenzanga
ngaso.√√ (2)
- 4.2.8 Kwinqanaba lengabula-zigcawu√ kuba kwaziswa indawo
eliqhubeka kuyo ibali√/abadlali abadlala indima ephambili ebalini.√ (2)
- 4.2.9 Sasifanelekile kuba amadoda aseSikhobeni ayegqibe njalo wathi
sele eye kumfundisi naye akamnceda kwakungekho nto
anokuyenza ukuthintela ukugxothwa kukaMntuyedwa√√/
wayengakwazi ukumelana namadoda aSesikhobeni engumntu
ongumama kwaye esoyikisela nobomi bukaMntuyedwa
obusemngciphekweni.√√ (2)
- 4.2.10 Kukuvelisa ukuba ezinye izimo zabantwana sukuba
bengazenzanga iyindalo.√√ (2)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

[35]

ICANDELO D: ISIHOBE – VUKANI MADODA KUSILE

UMBUZO 5

5.1 INTYATYAMBO – M Mbuthuma

- 5.1.1 (a) ... kha usibonise✓/... kha usixelele.✓ (1)
- (b) Kuba ithetha nentyatyambo ngokungathi ngumntu.✓ (1)
- 5.1.2 B Imvelaphi yentyatyambo✓/ B✓ /Imvelaphi yentyatyambo.✓ (1)
- 5.1.3 Intyatyambo intle ngokungathi kukho indawo apho yenziwa khona, ihlala iselugcinweni✓✓/intyatyambo ifumaneka ndawo zonke ngamaxesha onke kodwa ayihlali unyaka wonke, unga angahlala apho ifumaneka khona uzanelise✓✓
- [Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 5.1.4 Weliso✓ ubonisa ubuninzi bazo.✓ (2)
- 5.1.5 Abantu✓/iinyamakazi✓/iintaka✓
- [Nasiphi isibini.] (2)
- 5.1.6 Kukuchulumanca ngenxa yobuhle bentyatyambo nayindlela evuselela ngayo ebantwini.✓✓ (2)
- 5.1.7 Kukuvelisa ukuba noxa iintyatyambo zintle kwaye ziluncedo eluntwini nazo zihamba zihambe zibune zilahlwe xa buphelile ubuhle kuzo.✓✓ (2)
- 5.1.8 Emifuleni ✓
Emafuku-fukwini.✓ (2)
- 5.1.9 wasamele.✓ (1)
- 5.1.10 Ukuba masizithande sizilondoloze sizixabise iintyatyambo kuba ziluncedo kuthi.✓✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.2 UMANYANO – ZS Qangule

- 5.2.1 Yimvano-siphelo√ yenze isingqisho kulo mbongo.√ (2)
- 5.2.2 Kukuba ubobo luyabambana kungabikho lula ukungena kulo ngenxa yameva oluzikhusela ngawo njengoko besenza abamanyeneyo.√√ (2)
- 5.2.3 (a) njengezikhondo.√ (1)
- (b) sifanisa iziphumo nentshukumo yabantu abamanyeneyo bengashukunyiswa nto emva kwamadabi nemimoya ebhudlayo.√ (1)
- 5.2.4 (a)/(iii) Abantu abaqiqayo phambi kokwenza√ /(iii)√ /Abantu abaqiqayo phambi kokwenza.√ (1)
- (b)/(iv) Abantu abanqandelana ngokuzalana√/(iv)√/Abantu abanqandelana ngokuzalana.√ (1)
- 5.2.5 Unemiqolo eli-14.√
Unesitanza sokuqala esinemiqolo emi-6, esibizwa ngokuba yisesthethi nesesibini esinemiqolo esi-8, esibizwa ngokuba yi-oktheyivu.√ (2)
- 5.2.6 Umanyano ngamandla√ √/lubalulekile umanyano phakathi kwabantu ukuze bakwazi ukoyisa zonke iingxaki zobomi.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 5.2.7 Abamanyeneyo abagungqiswa nto√/ukuba umanyano alunasiseko luchitheka lula.√ (1)
- 5.2.8 Siyangqinelana kuba umbongo wonke uthetha ngomanyano, ubuhle balo, iziqhamo zalo, izinto ezenziwayo ukuqinisa umanyano√√/kuba umbongo uthetha ngomanyano, okuhle okwenziwa ngabantu abamanyeneyo, ukukwazi kwabo ukumelana nobunzima nokubambana kwabo kwizinto zonke abazenzayo.√√
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 5.2.9 Umanyano alubi yinto yabumini √√/abantu abamanyeneyo baqala ngokuvisisana kutsho kube lula ke ukuhambelana kwezimvo.√√
/umanyano lusisiqhamo semvisiswano ebihleli ikho.√√
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70